URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loLawulo lweeMviwo

Isalathiso: 20210611-3730
Inombolo yefayili: 13/1/1
Imibuzo: M Ludick

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0009/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngeze-*SLES*, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

Isihloko: IZatifikethi zeMatriki zikaZwelonke zikaNovemba zango-2019 nango-2020: Ukuziswa okokuqala kwezatifikethi – zabo babefunda isigxina nezatifikethi zezifundo

1. Ukwenzela ukuba iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okuba abaviwa balande izatifikethi ezikhankanywe apha ngentla, kunikwe le **ngcaciso nale mihla** ilandelayo:

1.1 Izatifikethi zabaviwa beemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), ababebebhale iimviwo ze-*NSC* ngoNovemba 2019 ziziswe ngo-2020. Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo kwilizwe nangenxa yemiqathango ye-*COVID*-19, abaviwa beemviwo ze-*NSC* zango-2019 ababebhalisele iimviwo zokuxabangela zangoJuni ze-*NSC* zango-2020 bazibhale ngoNovemba 2020 iimviwo. Izatifikethi zaba baviwa nazo ziyinxalenye yezilungiselelwe ukuthunyelwa.

1.2 Kuqukwe ezi zatifikethi zilandelayo ukwenzela ukuba zithathelwe ingqalelo:
- **Ezoviwo lwe-*NSC* - lwangoNovemba 2019 (zabaviwa beemviwo zokuxabangela)**
- **Ezoviwo lwe-*NSC* lwangoNovemba 2020**
- **Izatifikethi zezifundo zabaviwa abangaluphumelelanga uviwo**

1.3 Iilisti ezisikeniweyo zezatifikethi ezifunyenweyo zivela ku-UMALUSI ziya kuhamba nezatifikethi ukulungiselela iilisti zolawulo abazithelekisa nazo.

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2246 Ifeksi: +27 21 483 7658

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

1.4 **Izatifikethi zabaviwa ababhalisele ukubhala iimviwo ze-*NSC* zangoJuni 2021, ziya kufumaneka kuphela ukususela ngoNovemba 2021. Kungabakho izatifikethi ezifumanekiyo zabanye abaviwa ababhalise kwamanye amaziko, eziya kuthunyelwa kamva kwiinqununu zala maziko.**

1.5 I-*SMS* iya kuthunyelwa kubaviwa ebazisa ukuba izatifikethi zabo ziyafumaneka mabazilande ezikolweni zabo. Kucelwa iinqununu zigcine irekhodi eneenkcukacha eziphele leyo zesaziso sokuba bazifumene izatifikethi abaviwa. Makuqatshelwe kananjalo ukuba nawuphi na umntu osayinela ukufumana isatifikethi makabonise isazisi esisemthethweni.

1.6 **ISebe leMfundo leNtshona Koloni linqwenela ukugxininisa ukuba ukubandakanyeka kweenqununu nakwawaphi na amanyathelo anokufaka emngciphekweni ikamva labaviwa bazo afana nokungakhutshwa kwezatifikethi zonke zinikwe abaviwa bazo kunye/okanye ukungaqinisekiswa kokuba abaviwa abaphumeleleyo bayazifumana izatifikethi zabo, achasene noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (*South African Schools Act*, 1996) (uMthetho 84 ka-1996).**

1.7 Abaviwa mabacetyiswe batshekishe ukuba kuvela amagama apheleleyo abo neenombolo zezazisi zabo ngokuchanekileyo na kwizatifikethi zabo.

1.8 Nayiphi na imibuzo ngalo mba mayingeniswe apha ExamResults@westerncape.gov.za.

1.9 Izatifikethi maziziswe yaye zifumaneke ezikolweni ukususela **ngoLwesine**, **we-01 Julayi 2021.**

2. **Ukulandwa kwezatifikethi nezatifikethi ezingathathwanga**

2.1 Izatifikethi ezingalandwanga kwizikolo ezichaphazelekayo kwisithuba seenyanga eziyi-12 mazibuyiselwe kwaNdlunkulu ukwenzela ukuba zigcinwe ngokukhuselekileyo, ukulungiselela abaviwa abanozifuna kamva izatifikethi.

2.2 Izatifikethi ezingathathwanga ziya kugcinwa kwaNdlunkulu isithuba seminyaka emithathu, kwindawo ekhuselekileyo, ukulungiselela abaviwa ekulindeleke ukuba bazilande. Ukuba azithathwanga kwisithuba seminyaka emithathu, ziya kutshatyalaliswa izatifikethi.

2.3 Ukongeza kokungasentla, abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo mabayithobele ngokunjalo imimiselo, imigaqo-nkqubo neMiyalelo ka-UMALUSI ngokubhekiselele koku kulandelayo:

2.3.1 Maziphathwe njengezinexabiso eliphezulu izatifikethi ngalo lonke ixesha yaye zigcinwe phantsi kwemiqathango yezokhuseleko.

2.3.2 Abaviwa mabaziswe xa izatifikethi zikulungele ukulandwa kwaye ukuhanjiswa kwazo makwenziwe phantsi kwemiqathango yolawulo olukhuselekileyo.

3. **Iiprothokholi ze-*COVID*-19 nokulandwa kwezatifikethi ngabaviwa**

3.1 ISebe licela iikomiti zolawulo zesikolo ziqinisekise ukuba ziyathotyelwa iiprothokholi ze-*COVID*-19 xa abaviwa bezokulanda izatifikethi esikolweni.

3.2 Kucelwa niqinisekise ukuba isikolo sakho siyazithobela zonke iiprothokholi zezempilo nezokhuseleko eziqulethwe kwiSikhokelo esinge-*COVID*-19 seSebe i*WCED* (*WCED Guidelines for COVID-19*), esikhutshwe nge-15 Meyi 2020, ngokukodwa ukunxitywa kwemaski nokugcinwa komgaqo wokuqelelana.

3.3 Nayiphi na imibuzo enxulumene nezatifikethi zeemviwo ze-*NSC* zango-2019/2020 inokubuzwa ngqo kuMnu W Gordon kule nombolo yefoni 021 467 2961 okanye kule imeyili: Werner.Gordon@westerncape.gov.za.

4. Kucelwa nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abafundi beBakala 12 bango-2019/2020, abazali babo nootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

5. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yenu ngalo mba.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-06-15